

Le mini izolile kwaye nelanga lishushu kamnandi.

UBella nabahlobo bakhe uLinda noNoni babhiyozela olu suku lweKrisimesi ecaweni ekwilali yabo.

Baza kubukela iziketshi badlale unochele nebhola.



Abo benza iziketshi balinganisa ukuzalwa kuka Yesu.
Iziketshi zidlalwa ngamantombazana namakhwenkwana amancinane.
Banxiba impahla efanelekileyo.



“Umama wam undithengele ilokhwe entsha ebomvu, izihlangu ezimhlophe kunye nelaphu elibomvu lokubopha iinwele,” watsho uBella evuya.



“Wena Linda uthengelwe ntoni?” wabuza uBella. “Yho! Jongani umama undithengele ilokhwe etyheli nezihlangu ezimhlophe,” watsho uLinda.

Ndivuya kakhulu ndiyamthanda umama wam kwaye naye uyandithanda.

Noni kutheni wena unxibe impahla endala?
Awuyithengelwanga impahla entsha ngumama wakho?
Mna ndingalila kakhulu xa ndingathengelwanga impahla yeKrisimesi.



“Ungalili Noni, umama wakho uza kukuthengela impahla entle kunyaka ozayo,” watsho uLinda ekhathazekile esanga uNoni. “Nawe uzakonwaba unxibe impahla entle ngemini yeKrisimesi,” akunjalo Bella?



Endaweni yempahla entle yeKrisimesi umama wam undithengele iimpahla zesikolo.
Undithengele ubhaka wokufaka iincwadi nezihlangu zesikolo.
Ndiyamthanda nowam umama, watsho uNoni.



"Masihambeni siyokubukela iziketshi ecaweni. Siza kudlala unochele nebhola ukugqiba kwethu," watsho uBella. "Heke! Sada safika ecaweni, sele ziqalile iziketshi. Sakugqiba ukubukela iziketshi, siza kutya izimuncumuncu, sidlale unochele nebhola."



“Jongani umthi weKrisimesi uyayokozela. Kukho iibhaluni ezinemibala emihle, nezipho ezisongelwe ngamaphepha amenyezelayo. Mhmm tana! akwaba besinokufumana izipho sobathathu.”

“Yizani nibone isipho sam, yifowuni.
Ndiza kufowunela umama wam, uBobo noLolo,” watsho uLinda.
Ndiyasithanda kakhulu isipho sam.
“Wena Noni ufumene ntoni?”
“Heke! Heke! ndifumene uTeddy Bear othethayo, ohlekayo nokwazi ukubala aphele kumashumi amahlanu.
Oh! Ndiyasithanda kakhulu isipho sam.”

“Wena Bella ufumene ntoni?” wabuza uNoni.

“Ndifumene ipakethe yeebhiskithi, watsho equmbile.

Wowu! akwaba bendinguwe Noni, nam ndiyamthanda uTeddy Bear othethayo, ohlekayo nobalayo.

Ungakhathazeki Bella siza kudlala sonke ngoTeddy Bear.”



Batya izimuncumuncu wena keyiki, jeli, khastadi, amaqebengwana neesaladi. Bakugqiba ukutya badlala unochele nebhola. “Mhmmm! akwaba lungaphinda lufike kamsinya usuku lweKrisimesi sizokonwaba kwakhona.”

“Xa ndifika ekhaya ndiza kufowunela uBobo noLolo ngefowuni yam,” watsho uLinda.
“Nam xa ndifika ekhaya ndiza kudlala ngoTeddy Bear wam,” watsho uNoni.
“Mna ndizakutya iibhiskithi zam ndakufika ekhaya,” watsho uBella.



“Sobathathu siyabathanda oomama bethu, basithengele impahla entle nezipho ezihle, basiphekele ukutya okumnandi.”



Kumnandi ngemini yeKrisimesi.
Wonke umntu uyaluthanda olu suku kuba yimini yesikhumbuzo sokuzalwa kukaYesu.



